PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VAKALISA ULUVO LWAKHO

UMthetho-siHlomelo oYilwayo woKwabiwa kweNgeniso [B29 - 2026]
UMthetho oYilwayo woHlengahlengiso woLwabiwomali [B30 - 2026]
UMthetho oYilwayo woLwabiwomali oluKhethekileyo (woNyakamali wama-2026/27) [B31 – 2026]

Ikhwelo lokungeniswa kweziPhakamiso neZimvo

IKomiti eKhethekileyo yoLwabiwo-mali imema amahlakani, abantu abanomva nemibutho ukuba benze iziphakamiso ezibhaliweyo ezimalunga neNkqubo-sikhokelo yowama-2026 eHlaziyiweyo yezeMali kunye neziNdululo zeNgeniso (iNgxe-lo yoMgaqonkqubo woHlahlo Lwabiwomali lwaPhakathi eNyakeni (iMTBPS) owathiwa thaca ePalament ngomhla wama-21 kweyeDwarha 2026.

UMphathiswa wezeMali uthe thaca iMTBPS yowama-2026 (equka uMthetho-siHlomelo oYilwayo woKwabiwa kweNgeniso, uMthetho oYilwayo woHlengahlengiso woLwabiwo wonyakamali wama-2026/27 ngokwecandelo lesi- 6(1) nele-12 leMithetho yeMali kunye noMthetho weMiba eNxulumene Nawo onguNombolo 9 wowama-2009 (uMthetho). NgokoMthetho, iiKomiti zoLwabiwomali zeNdlu yoWisomthetho yeSizwe kunye neBhunga leSizwe laMaphondo kufuneka zithathelwe ingqalelo kwaye zinike ingxelo ngale miba ilandelayo:

- inkcitho ebalulekileyo karhulumente wesizwe kule minyaka mithathu izayo;
- ulwahlulo olucetywayo lwengeniso phakathi kwamanqanaba karhulumente naphakathi kwemibutho karhulumente ngaphakathi kwinqanaba leminyaka emithathu ezayo; kunye
- ulungelelwaniso olumandla olucetywayo kwizibonelelomali ezinemiqathango kumaphondo nakurhulumente wasekhaya, ukuba zikhona.

Iindibano zovakaliso-zimvo zoluntu ziya kubanjwa kumaqonga onxibelelwano ngekhompyutha ngolu hlobo lulandelayo:

UMthetho-siHlomelo oYilwayo woKwabiwa kweNgeniso [B29 - 2026]

- NgoLwesihlanu, umhla wama-20 kweyeNkanga 2026 Iziphakamiso kunye / okanye isibonakaliso senjongo yakho yokwenza intetho yakho ngomlomo kufuneka zifumaneke ingadlulanga intsimbi yesi-4 malanga ngoLwesibini, umhla we-17 kweyeNkanga 2026.

UMthetho oYilwayo woHlengahlengiso woLwabiwomali [B30 – 2026] kunye noMthetho oYilwayo woLwabiwomali oluKhethekileyo (woNyakamali wama-2026/27) [B31 – 2026]:

- NgoLwesithathu, umla wesi-2 kweyoMnga 2026 Iziphakamiso kunye/okanye ukubonisa umdla wakho wokwenza intetho yakho ngomlomo mazifunyanwe ungadlulanga umhla wama-30 kweyeNkanga 2026, ngoMvulo, ngentsimbi yesi-4 malanga.

Iziphakamiso mazithunyelwe ngqo kuNobhala weKomiti, uMnu L Nodada, kule dilesi ye-imeyile **Lnodada@parliament.gov.za**, kule nombolo yeselula(083 412 1526) nakuNks E Grunewald kule dilesi yeimeyile **egrunewald@parliament.gov.za** nakule nombolo yeselula (071 363 2257).mailto:

Iikopi zoMthetho-siHlomelo woKwabiwa kweNgeniso [B29 - 2025],uMthetho oYilwayo woHlengahlengiso woLwabiwo-mali[B30 – 2026] kunye noMthetho oYilwayo woLwabiwomali oluKhethekileyo (wonyakamali wama-2026/27) [B31 – 2026] ziyafumaneka kule webhusayithi www.parliament.gov.za nakule **www.treasury.gov.za. http://www.parliament.gov.za/http://www.treasury.gov.za/**

Sikhutjhwe ngumHlonitjhwa TI Legwase, iLunga lePalamende, uSihlalo: weKomidi eKhethekileko yezokwAbiwa kweeMali (umKhandlu weNarha oNgamele iimFunda).